



The Office Of The Principal and Vice - Chancellor

**NJING MS MAKHANYA, ISEKELA-NGQONYELA
LEYUNIVESITHI YOMZANTSI AFRIKA (UNISA)**

**INTETHO YOLWAMKELO NEYOVULO: LOPHEHLELELO LWEVEKI
YOPHANDO NEMIBONO EMITSHA**

26 Februwari – 2 Matshi 2018: *Uphando lokuzinzisa ingomso lethu*

- Umbhexeshi-nkqubo, u Gqr Meiya Nthoesane, nonguMlawuli oBambeleyo, kwiUnisa Press
- UGqr Daisy Selematsela, iSekela-Ngqonyela eliliBambela: woPhando, kwiZidanga ezingaseNtla, iMibono eMitsha noShishino ngayo, eUnisa
- Amalungu ephaneli ahloniphekileyo, izithethi ezibekekileyo kunye nabo baza kufunda amaphepha abo:
 - UGqr David Green, Director: weDigital Resources Programme, wakwaTaylor & Francis onephepha elithi: “Ukuqhubela phambili uphando eMzantsi Afrika nenkxasomali yophando kwimekobume yophando yehlabathi”

- UNjing Ihron Rensburg, owayesakuba yiNgqonyela yeYunivesithi yaseJohannesburg onephepha elithi: “Ikamva – umbono weengcali zeeyunivesithi”
- UNksz Tina Eboka, Group MD: weNTP Radioisotopes SOC Ltd, eliziko leNecsa (the South African Nuclear Energy Corporation): “Umzila ongekahanjwa kakhulu ukusuka kuphando ukuya kwimibono emitsha nokuqhubeka nayo”
- UNksz Chantell Ilbury, injoli, ingcali, isithethi, umhlohli, umbhali oneencwadi ezithengise kakhulu
 Kunye nowayekuba ngusomashishini onephepha elithi: “Ukukhula kweenani leenkubabuchopho: inguqu emandla kwezemfundo!”
- UNksz Dudu Nkosi, Umlawuli weSigqeba soLawulo oBambeleyo: weeNkonzo zaMathala eeNcwadi

- Amalungu eBhunga akhoyo apha
- Amalungu eSigqeba soLawulo nabanye abaphathi abakhoyo apha
- Oogxa bam abasuka kwamanye amaziko ezemfundo
- Abasebenzi baseUnisa abangabahlohli nabo bangengobahlohli
- Abafundi baseUnisa
- Abadlali-ndima kwiziko lethu
- Iindwendwe ezibekekileyo, manene namanenekazi

Sinamkela ngezandla ezishushu kwiVeki yoPhando neMibono eMitsha yaseUnisa eyenziwa qho ngonyaka. Kulo nyaka sibhiyozela unyaka wesixhenxe walo msitho weveki yophando nemibono emitsha, yaye kunika umdla ukubona indlela lo msitho waminyaka yonke wemibono emitsha othi ube ngumkhombandlela ngayo yaye uhambelane neziganeko zezinto ezenzeka kwiindawo esikuzo nakuluntu lwethu, ingakumbi kwingungqu nendima ebalulekileyo edlalwa luphando ekukhokeleni nasekuqhubeni loo ajenda.

Kwiminyaka esixhenxe edlulileyo, ipotifoliyo yethu yezophando ibizama ngamandla ukukhulisa uphando nabaphandi bethu ukuze ibe igqwese yaye ibe negalelo elenza umahluko – yaye okubaleke ngamandla kukuba loo mahluko kufuneka ube *nefuthe elikhulu* – kumacandelo oophando neendlela eziza kuba negalelo kwinkqubela ezinzisa ingomso lethu: eleUnisa, elelizwe lethu kunye nelelizwekazi lethu, zinto ezo ezihambelana nombono wethu weyunivesithi yethu *wokuxonxa ikamva* xa sinikeza inkonzo kuluntu.

Umgomo wethu wale vekeki yophando uthi, “Uphando oluya kunceda ekuzinziseni ingomso lethu,” yaye lusekelwe kwimigomo yangaphambili ukuqinisekisa ukuba siqhubeka neprojekthi yethu yenguqu kuphando kunye nokuqinisekisa ukuhambelana kweencoko

zethu.

Kulo nyaka izithethi zethu ezibekekileyo zibonelela ngobungqina obumandla bentlobo-ntlobo zophando kwilizwe nakwihlabathi, endinokukuqinisekisa ukuba, lutyhila ngokupheleleyo onke amacandelo emfundo ephakamileyo nemfundo ngokubanzi. Ndiyazi ukuba ezi ncoko sizibambileyo apha, ziphethwe kwikhontinenti yethu yonke nakwihlabathi liphela, njengesiqhagamshelanisi semingeni exhakaxhakaka yezentlalo, uqoqosho nezopolitiko, ukungalingani okukhulu kuluntu, ukusuka kwabantu kwezinye iindawo besiya kwezinye, nokukhula kobuntlakantlaka bemfundo yamaziko aphezulu edinga uphando olungajolisanga nje kuphela kuphuhliso kunye /okanye kwiSTEM. Kukhona ukukhula ekuthatheleni ingqalelo isidingo esikhawulezileyo sokuba uphando lwecandelo lobunzululwazi bezentlalo nobezoluntu luze nesisombululo kwezi ngxaki zikhulayo. Kungumdlala omkhulu – nanjengesoshiyolajisti, kananjalo kuyandichukumisa – ukubona ukukhula kophando kule miba ebikade ingahoywanga lihlabathi ixesha elide. Ndiyavuya nokubona ukuba esi sishunqulelo esinguSTEM ngoku sinatyiswe sanguSTEAM ngokufakela unobumba ongu-A, omele iArts iyonke, eyinkalo efuna ukuhoywa kakhulu sithi sisonke.

Mandivuyisane noGqr Selematsela noogxa bethu bePotifoliyo yoPhando, iziFundo zeZidanga ezingaseNtla, iMibono eMitsha noShishino ngayo, ngokuhlanganisa iprogramu etyebe kangaka eqinisekisa ukuba kufikelelwa kuzo zonke iinkalo zophando.

Ziindwendwe ezibekekileyo, manene namanenekazi, ukuntshula kwempucuko yoluntu kuqhutywa kukufuna ukwazi koluntu. *Isidingo sethu sokwazi* sitsiba ngaphaya kokoyika into esingayaziyo, yaye umoya wethu wokuza nemibono emitsha uqinisekisa ngokufanayo ukuba okuninzi koko sikufundileyo kwenza ukuba sikhulise yaye sityebise uluntu – ukuze siluluntu sizinze yaye neplanethi yethu izinze. Ngeli xesha wonke umntu ethetha ngeNguqu eNkulu yeSine yoShishino ngooMatshini nazo zonke izinto ehamba nazo, thina apha emazantsi eAfrika siphethe awethu amadabi enguqu, ukukhula nophuhliso – zinto ezo ezilidabi lethu lokuya phambili nelokunaba – elinokuhambelana okanye lingahambelani nazo zonke izinto ezibandakanyeka kwiNguqu eNkulu yeSine yoShishino ngooMatshini. Sifundile, yaye siyaqhubeka sifunda ukuba noxa “kungekho mntu uziphilela eyedwa,” kufuneka sisebenze kwizinto ezichaphazela imeko yethu, ngelinye ixesha senze uphando yaye size nemibono emitsha esenongahambelani naleyo yenziwa lihlabathi. Kufuneka sikwenze oko ngokuzingca nokuqiniseka yaye siyibange indawo eyeyethu.

Oku kubaluleke ngakumbi xa umamela iingxoxo ezikhoyo ngoku ngolwazi olugqubayo nefuthe olunalo kananjalo nokulawula kwalo imfundo enikezwa kumaziko aphezulu nezinto ezenziwa kuwo, ingakumbi kwinkalo yophando. Xa sixoxa, siza kuba sisongeza kwinkqubo yokuzifumanisa nokuzithemba kwimiba engunqontsonqa ekubeni kuthetha ukuthini ukuba ngumAfrika.

Xa ndigqibezela, boogxa bam, manene namanenekazi, mhlawumbi makhe sijonge lo mba: kule meko ingazinzanga ngoku yezopolitiko, kukho ingozi enkulu yokumana siqhubela phambili izinto ezifanayo ezijolise kwizinto ezizinkanyezi nje. Ungaphazami, sisiqonda ngokupheleleyo isidingo sokuba amaziko ethu enze umsebenzi wokuvakalisa nokuyiphokoza le miba. Ndiqinisekile kunjalonje ukuba iUnisa iyalinika eloo thuba lokuphokoza le miba. Le veki yophando nemibono emitsha yenye yaloo maqonga!

Kambe ke, masingayeki ukubona igalelo elibalulekileyo lophando olwenziwa kule yunivesithi nakwezinye iiyunivesithi zalapha nezikwilizwekazi lethu liphela *ngalo mzuzu*, oluthi ngelinye ixesha luduke emoyeni. Ukuba siyayazi imeko-bume yethu ngokwenyani yaye sizinikele ekuqhubekeni nophando ngenjongo yokuguqula nokususa imbono yeeyunivesithi eziqhutywe ziiagenda zamazwe

aphesheya, amandla ethu ngoko ke makajoliswe ekutyhileni, ekuboniseni, nasekwabelaneni ngala maphepha, ngala maxwebhu apapashiweyokunye nezinye izifundo eziphandwe ngabanye abaphandi baseAfrika.

Ngoko ke, njengokuba nizilungiselela ukonwabela le veki igcobisayo, mhlawumbi masizikhuthazeni sonke ukuba sicinge ukuba iUnisa, enelona thala likhulu leencwadi kumzantsi wehemisfiye, ingaqalisa ngokuqokelela, ihlele ze ibonise imisebenzi yabaphandi bethu emalunga nale miba ibaluleke kangaka, kwanokuba abasebenzi bethu abafundisa kwiiyunivesithi bangaxhasana njani ngokusebenzisa olu phando xa betshintsha ubume bemfundo nakuphando lwabo, naxa befunda amaphepha abo kwiinkomfa nakwiisemina.

Xa besisenza intetho yokuvula unyaka wezifundo kulo nyaka, ndathetha ngesidingo sokuba thina njengeyunivesithi sisuke ngoku *ekuthetheni nje* ngenguqu sidlulele ekubeni *siyenze* inguqu. Uphando nemibono emitsha kufuneka yaye kunyanzelekile ukuba ibe ngumzekelo oqaqambileyo wokuzinikezela. Masiqhubeni uphando lwethu yaye sixhase abaphandi bethu.

Iiyunivesithi oko zabonwa njengamaziko azenzela izinto zawo

ezingenafuthe nezingahlangenanga nezinto ezichaphazela uluntu ezifanele ukuba ziyalusebenzela, ngenxa yoko ke, ngoku lithuba lokuba sibonise ngokungagungqiyo ukuba oko akuyonyani. Masiluqaqulule uphando nemibono emitsha ukuze luvumele ukuba uluntu ngokubanzi luthathe inxaxheba yaye amaziko olwazi makathathe amanyathelo amakhulu ekubeni abe negalelo kwiajenda yophuhliso neyomgaqonkqubo elilulutho kuluntu nehlabathi.

Ndininqwenelela iincoko nemboniswano ezivuselela iingcinga, nezikhuthazayo kule veki njengoko sibhiyozela uphando nemibono emitsha eUnisa.

Ndiyabulela.